

Lixesha lokuba abafundi bagoduke. Kusibekele kuyaduduma kubonakala ngathi kuza kubaneka. Kuqalisa ukuna ngamandla.

Kukho isivunguvungu. UPhilani uyabaleka ukugoduka. Kufuneka aqaphele indlela inemingxunya emininzi. Kuza isithuthi esibalekayo siphepha-phepha imingxunya endleleni.







UPhilani uphepha isithuthi akhubeke emngxunyeni awe. UPhilani wonzakele edolweni. Inenekazi elinobubele laza kumnceda. Latsalela uTata wakhe umnxeba.

Emva kwemizuzwana engephi wafika uTata ezo kumnceda.



“Tata, jonga idolo lam liyopha kwaye liyadumba,” walila uPhilani. UTata umthuthuzele wamfunqula wamsa ekliniki.






Bafikile ekliniki bancedwa nguMongikazi. UMongikazi ucoce idolo ngononophelo walifaka iyeza walibopha.

Emva kwethutyana idolo likaPhilani laba ngcono. “Jonga tata idolo lam lipholile. Ndicinga kuza kufuneka utsalele umaspala umnxeba avale yonke imingxunya endleleni. Kaloku andifuni konzakale omnye umntu.”

